# Qengqa I-Elolitye ! !

## (Easter.)

### (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Utinina namhla Kufa nambankulu
Namhla woyisiwe Nguye Opezulu
Ngaye u Adamu sibe silahliwe
Kodwa ke ngo Yesu namhla sincediwe.

Namhla mbongeni bantu Uvukile
Waqengqa Ilitye lowo Ubefile
Lupina ke Kufa ulwamvila lwako
Kwapuke nentolo nesapeta sako.

Vuka mpopoma yendumiso e Afrika
Uvuselele ntlango ze Tanganyika
Nisasaze ezondaba nge Tempile
Nenze Isijwili ngazo nikumbule.

Mkosi mnina lo ute r'er'elele
Ulinde Elongcwaba ngamar'ele
Side satata nentonga sabekelela
Sifana lo Krestu odumo ludala,

Lo Krestu wapule Umti wo Mnqamlezo
Watyumza nentloko wenz' ixoba ngazo
Wababiza nabayame ngentaba
Ze Abenzele Ibali lezo Nceba.

Zidenge e Dekapolis zitetile
Kwanemfama e Jeriko zikangele
Uvukile uyabongwa ngama Bandla
Woyisile aba Kuye onka Mandla.

Vuka ke Afrika nawe wenz' umhobe
Ukuze Ngaye nentshaba uzitobe
Uyifezile kwa yonke ne " Nkululo "
Lidumiseni Eloroti nge Culo.

Utinina namhla Kufa nambankulu
Namhla woyisiwe Nguye Opezulu
Nanko no Satana usele banjiwe
Inyoka endala isel' ityumziwe.

Uvukile kanye kwa nobomi bonke
Kupele tu kanye kwa nokufa konke
Bika ezondaba zime ngo Tukela
Nanku ke lo Krestu odumo ludala.

Uvukile kanye kwakunye no Mari.
Ndibave kwi Ntlango mna ze Kalahari
Bonke ke ubuhle bezwe namazulu
Oyi ! Ubulwele Ndlovu Edla Pezulu.

Uvuke lo Mgwebi umhlaba wotuka
Nentsika ze Ngcwaba zonke ke zapuka
Ilitye laqengqwa kwalapo lawiswa
Namajuda onke abetwa atshiswa.

Kungoko Ebiza Vukani ke boni
Niyeke inkani zomtyali ningoni
Ayiko inceba aluko usindo
Ayiko ne Taru ngemini Yomsindo.

Vukani ! !